BU African Studies Center LANGUAGE PROGRAM, 232 BAY STATE ROAD, BOSTON, MA 02215 www.bu.edu/Africa/alp africa@bu.edu 617.353.3673

# Proverb 5: Ukuzala Kukuzolula

(UBhele *udiniwe. Oko ebesebenza egadini yakhe. Ngoku ulambile kwaye uthetha yedwa.*)

| | |
|---|---|
| **Bhele**: | Makhe ndiyaph'endlini. Ndifumane into etyiwayo. Kudala ndisebenz' apha. Inokuba uNosebenzile sele eyilungisile into pha. Hayi, hayi, hayi kunzima, kunzima. Abantwana bam bemkile . Ndilambile mna ngoku. Andinant' ityiwayo. Hayi, ha-a! Makhe ndikhangele lo mfazi ukuba akabuyanga nanto na. Yhu! Yhu! Nc nc nc nc; inzima le nto! |
| **Bhele**: | Yhu! |
| **Nosebenzile** (evela kukha amanzi, ethwele i- emele): | Tata! |
| **Bhele:** | Tyhini Nose…se…s…! (ethintitha) (stammering) |
| **Nosebenzile:** | Ndisindwa ngala manzi! Yhu! |
| **Bhele:** | Yhu! Ufun'ukuthi ubuyokhamanzi. |
| **Nosebenzile:** | Yho! Khawume. |
| **Bhele:** | Akukho nerhewu na Nosebenzile aph'endlini? |
| **Nosebenzile:** | Owu! Liphi tata? |
| **Bhele:** | Ndilambe! |
| **Nosebenzile:** | Khawuthi ndiqale ndiye kubeka la manzi. Yhu! |
| **Bhele:** | Ndilambe! Yho Nosebenzile! Khawukhangele nokuba lirhewu. Yhu! Tyhini! Ndinabantwana. Bade bababini. Ababuy'aph'endlini. Kunzima. |
| **Nosebenzile:** | Tata! Heyi hee ! Kubi! |
| **Bhele**: | Yintoni ngoku Nosebenzile?! |
| **Nosebenzile:** | Andilambe! |
| **Bhele:** | Nosebenzile! |

**Nosebenzile:** Tata! Andilambe!

**Bhele:** Nosebenzile!

**Nosebenzile:** Yhu!

**Bhele:** Mamela apha kum. Kudala ndifuna into yokutya. Andigqibanga naphaya egadini.

**Nosebenzile:** Siza kuyifumana phi tata?

**Bhele:** Khawungene aph'elalini ucele nje nokuba yintoni na.

**Nosebenzile:** Kudala tata ndisonek'iifaskoti ndihambe ndifun'ukutya. Abantu bavele bavale iminyango yabo ndi sange--, ndisaya phofu, bandibona kude.

**Bhele:** Yho!

**Nosebenzile:** Kungoba sizawuthini ke tata?

**Bhele:** Ela rhewu lakho ubukhe walenza phezol' elinye Nosebenzile alisekho na?

**Nosebenzile:** Hey tata ndiza kukhe ndikhangele. O, hayi kodwa yhu ha a! Abantwana bethu! Yho! Ha-a, ha-a, khawuthi nd'yok'jongela noba ngumlumiso endinokunika wona.

**Bhele:** Noba nguwo man Nosebenzile ndingawuvuyela. Tyhiiini! Hayi, hayi, hayi, hayi! Ndizal'abantwana, kanti ndibazalela ukuba baye kuhlala nga-apha! Hay! UNosebenzile naye lo uyonqena. Umana esithi uyathukwa kule lokishi , uyathukwa kule lali! Tyhini! hayi suka ndanele mma yile nto yokuhlala apha.

**Nosebenzile:** He-e Tata!

**Bhele:** (Uyamkhwaza )

Nosebenzile!

**Nosebenzile:** (Uyasabela)Tata, nanku ke lo mlumiso.

**Thandiwe:** (Ephethe impahla) Molweni! Molweni! Molweni!

(*Kufika abantwana babo bengalindelwanga* )

**Bhele:** Haibo!

**Nosebenzile:** Heeeee!

**Bhele:** Heeeyi, Sebenzil'! (*evuya*) Beka aph'ecal…, nantsi intombi yam.

**Nosebenzile:** Hay' man ntomb'am! Heee!

**Bhele:** Nantsi intombi yam, mandingene nayo apha ngaphakathi!

**Nosebenzile:** Ndibonwa yintoni nkosi yam?!

**Bhele:** Sawukhe sibe ne….Tyhiini!

**Nosebenzile:** Ndibonwa yintoni?

**Thandiwe:** Heeee!

**Bhele:** Yintoni le uyiphetheyo, ntomb'am?

**Nosebenzile:** Yhu! Heyi! (Ebuka intombi yakhe.)

**Bhele:** Hay'! Nosebenzile, makangene nay' apha ngaphakathi.

**Nosebenzile:** Hayi maan! Yintombi yam lena? Mntan'amu!

**Bhele:** Nd'za nilandela, nd'za nilandela, nd'za nilandela. Ngena naye Nosebenzile.

**Thandiwe:** Heeee!

**Nosebenzile:** Yhu! Hay'! Khawuze khawungen'endlini umamakho….Yhu!

**Bhele:** Yhu!

**Nosebenzile:** Utyebile unazo neempundu. Heeee!

**Thandiwe:** Heeee!

| | |
|---|---|
| **Bhele:** | Heeee! |
| **Nosebenzile:** | Ntomb’am! |
| **Bhele:** | Tyhiiini! (*wabhodla*) Tyhini! Uphi unyana? Kushot’unyana ngoku. |
| **Nyana:** | Yho! |

(*Wabe sele egaleleka unyana esindwa yimpahla. UBhele uyothuka ebona unyana naye efika.)*

| | |
|---|---|
| **Bhele:** | Tyhini kwedini ! Heyi! Heyi! Heyi! Heyi! …Kwediiini! |
| **Nosebenzile :** | He man! Heeee! |
| **Bhele:** | Heke!! |
| **Nosebenzile:** | He-e! Nyan’am! |
| **Bhele:** | Tyhini! |
| **Nyana:** | Yho! |
| **Bhele:** | Masambe! masambe! |
| **Nosebenzile:** | Ndibonwa yintoni Nkosi yam? |
| **Bhele:** | Masingene ngaphakathi. |
| **Nosebenzile:** | Nkosi yam! Owu mntan’am! Owu! Owu! Sana lwam! Yhu! |
| **Mongezi:** | Tata mandiqale ndisibambe tata. |
| **Bhele:** | Bamba kwedini |
| **Mongezi:** | Mandisibambe tata. Mandisibambe. |

| | |
|---|---|
| **Bhele:** | Tyhini kwedini! (*emncedisa ukuphatha impahla*) Mandikubambise. |
| | Tyhini kwedini! Iminyak'engaka! |
| **Mongezi:** | Hayi yeka ,ndiza kuyibamba tata. |
| **Nosebenzile:** | He e e! |
| **Bhele:** | He e e! Le ntwan'iphethe neebhegi! |
| **Bhele:** | Tyhin kwedini, wahamba wahamba wabuya sowungaka kwedini. |
| **Nosebenzile:** | Khawuze ndikuphathise ntomb'am. |
| **Bhele:** | Tyhini! Hayi hayi hayi yhu! Tyhin' kwedini! |
| **Mongezi:** | Mamel' apha… |
| **Bhele:** | Khawutsho! |
| **Mongezi:** | Mamel'apha tata. |
| **Bhele:** | Khawutsho kwedini. |
| **Mongezi:** | Wand'elusa. |
| **Bhele:** | Tyhini unyanisile |
| **Mongezi:** | Ndayindoda |
| **Bhele:** | Unyanisile kwedini. |
| **Mongezi:** | Ndiza kulahla njani? |
| **Bhele:** | Tyhini kwedini! |
| **Mongezi:** | Kaloku abantu xa bebona mna kufuneka babone wena. |
| **Bhele:** | Iminyak'engaka kwedini ungekh'waph'endlini |
| **Nosebenzile:** | Owu! nyan'am! |
| **Mongezi:** | Sinicingile tata maan sinicingile. |
| **Nosebenzile:** | Yhu! Abantwana bam! Nkosi! Ndibonwa yintoni? Tyhini tata! Heee! |

| | |
|---|---|
| **Mongezi:** | Khasbe nalo ixesha lothenga maan yabo, khasbe nalo nyhani tata ke. Nantsi ke, ivela kuthi ke le. *(uMongezi unika uyise uBhele imali*) |
| **Nosebenzile:** | Heee! |
| **Bhele:** | Tyhini |
| **Nosebenzile:** | Tyhini tata! Hee! |
| **Bhele:** | He heee! (*ubonisa uNosebenzile imali engamaphepha atsho eyiphakamisela phezulu eyibala*.) |
| **Mongezi:** | Ndaqond'ba iza kuyigqiba indlala. |
| **Nosebenzile:** | Heee! Sakuyek'uba yintlekisa tata! |
| **Bhele:** | Yabona aba Nosebenzile bebekuvimba ukutya kule lali |
| **Nosebenzile:** | Baza kutya apha tata bazazotya apha. Sival'iminyango. Baza kuva ngevumba tata! |
| **Bhele:** | Nosebenzile, utheng' inkukhu. |
| **Mongezi:** | Kutheni ingathi umkhaba lona tata wehlile nje ngoku? |

(*Utsho ephulula intesha kayise*)

| | |
|---|---|
| **Bhele:** | Tyhini kwedini! |
| **Mongezi:** | Kutheni ingathi uyehla ngoku tat'am? |
| **Bhele:** | Andisa- a -a -tyi kaloku kwedini. Iints… iinyanga zingaka, ziliqela kwedini andityi tu tu tu. |
| **Nosebenzile:** | Silambe sikule ndawo sikuyo ngoku! |
| **Liziwe** (intombi): | Owu! Sanuba sayibalisa sanuba sayibalisa. Sesikhona ke ngoku. |

| | |
|---|---|
| **Nosebenzile:** | Undiphathele neketile! He e e! |
| **Bhele:** | Nosebenzile !Mamel'apha ndikuxelele Nosebenzile. |
| **Nosebenzile:** | Tata! Mh m. |
| **Bhele:** | Kuthiwa esiXhoseni,' ukuzala kukuzolula.' |
| **Nosebenzile:** | Kukuzolu u la tat'am (batsho kunye) |

Uyabona namhlanje! Hayi! Hayi! Hayi! Tyhini! Ndiyayibona loo nto!

**Nosebenzile:** Heee! Siza kuyeka nokuba yintlekisa tata.

**Bhele:** Tyhini! Ayikho loo nto leyo! Ndim ngoku ophetheyo aph'elalini. 'Ukuzala kukuzelula!